ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-TATU
*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# Imvo Zabantsundu.

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,*

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d, zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, NGOLWESI-TATU, OCTOBER 4, 1893. [Vol. IX, No. 465


## DYER DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## Impahla Entsha Efikileyo.

Ibhulukwe Zamadoda ze Kodi 5s. 6d, 6s. 6d. ne 7s. 6d.
„ „ ze Twidi 3s. 6d., 4s. 6d. ne 10s.
„ „ (Ezisikiweyo Zona) 8s. 6d. ne 9s. 6d.
Ibhatyi Zamadoda ze Twidi ziqala 4s. 6d. ne 10s.
Indulubhatyi Zamadoda ziqala kwi 3s.
Ihempe Zamadoda Zokusebenza 1/-, 1/3, 1/6 ne 3/- inye.
Ihempe Zamadoda Ezimhlope Ezihayinwayo ziqala kwi 3s. inye.
Isuti ze Twidi Zamadoda ziqala kwi 11 6 inye
Isuti Zamadoda ze Diagonal Tweed Emnyama ziqala kwi 25/-.
Ezimnyama Ibhatyi ne Ndulubhatyi Zamadoda Zomtshato ziqala 22/6
Ibhulukwe Zamadoda Ezipakamileyo Zomtshato (zisikwe kakuhle) 7/6

Iminqwazi Emitsha, Ityali, Ibhulankete, Amaqhina, Ihangutyefu, i Underpants ne Vests, Ibhutsi ne Shuzi, ne zi-Tadi, njalo-njalo.

SISANDUL'UKUFIKELWA YIMPAHLA ENTSHA YE

CRICKET neye LAWN TENNIS

IBHATI ne BAILS, IZITAMPU, I-LEG GUARDS, I-GLOVES, TENNIS RACQUETS, NETTS, IBHOLA, nayo yonke into.

AMAXABISO AHLISIWEYO KWI CLUBS.

*Pambi kokuba nitenge tumelani izicelo itunyelwe Uluhlu Lwamanani*

Impahla Yabafundisi—Iminqwazi ne Kolala, i Makentoshi, njalo-njalo.

*EYONA NDLU IGQITISILEYO NEYONA ITSHIPU KUZO ZONKE*

## DYER NO DYER,

E-QONCE



## ITUBA LOKWENZA IMALI.

Zisani bonke UBOYA benu
Zisani bonke UBOYA BEBHOKWE
Zisani wonke UMBONA wenu
Zisani onke AMAZIMBA enu
Zisani yonke INGQOLOWA yenu
Zisani yonke IHABILE yenu.

Nayo yonke enye imveliso eninayo naniya kufumana amanani Apakamileyo e Cash ngayo—YIZANI KUBEKANYE, naniya kuhlala nisiza ko

-----

JAMES HODGES and CO.

QUEENSTOWN



A Wonderful Medicine.

## BEECHAM'S

## PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as wind and and Pain in the Stomach, Sick Headache, Diddiness. Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushing; of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILE GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a
Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;
they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs ; Strengthening the muscular System ; restoring the long-lost Complexion ; bringing back the keen edge of appetite, and amusing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing fevers in hot climates they are specially renowned. Those are " facts '' admitted by thousands, in all classes of society and one of the key guarantees to the Nervous and Debilitated is that Beechams *Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helena, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.



## NGOKUNJE LIXESHA.

## Amacham! Amacham!

NGEZIVEKI ZIMBALWA ZIZAYO, sitengisa YONKE IMPAHLA YETU EPAMBILI,

Iblankete, Imichako Yelokwe, Iprinti, Ikeleko, nempahla Yamanene kunye ne Dyasi

## Ngamanani Atotywe Kakulu.

-----------

Xa niza e Komani, qinisekani ukuza kusivelela

-----------

## Sowden, Mitchell, and Stoddart.

CATH CART ROAD

QUEENS TOWN



## PEACOCK BROS. NO WEIR,


E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

(Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba. bahlele benawo.



ESTABLISHED 1814.




(Opposite the Head Offices of the Church Missionary Society).

## IMPORTERS EXPORTERS

| OF | OF |
|---|---|
| FIBRES OF ALL KINDS, | MANCHESTER GOODS, |
| DRUGS, DRYSALTERIES, | DRAPERY, WOOLLENS, |
| SPICES, HIDES, SKINS, | MEN'S CLOTHING, |
| TEA, COFFEE, COPRA, | PROVISIONS, |
| SUGAR GUMS, CURIOS, | IRONMONGERY, |
| GENERAL PRODUCE, | TOOLS & MACHINERY. |

REFERENCES Customers in all parts of THE WORLD.

We will send, post free, on application, our recently published Volume on

**" THE PRODUCE'S OF THE WORLD"**

Every Planter, Estate Manager, or Produce Merchant should have a copy. It is the only volume of its kind ever published.

*TEEMS, SAMPLES, AND ILLUSTRATED CATALOGUES BY RETURN MAIL*

## JOHN HADDON & CO.,

COLONIAL & INDIAN MERCHANTS,

Bouverie House, Salisbury Square, E,C.

Cablegrams—"Dilutum, London." A B-C. Code used, Fourth Edition



LEMINYAKA I 18 IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU B0DWA, Igama lazo yi ''EXTRA NAVY or MATTROSS" '*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo Iwemifa- nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE, kangelisa kunene ukuba ina- wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## PEACOCK BROS, and WEIR,

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.



## Beauchamp, Booth Co.

EYONA VENKILE INKULU

NETENGELAYO

E KINGWILLIAMSTOWN & QUEENSTOWN.

ITYALI

IPRINTI

ISETINI

IKELEKO

ISHITI ZEKOYI

## Impahla Yomtshato Yonke

## BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN



## J. W.GARRETT & CO

LADY FRERE,

## IZITORA "EZITSHIPU."

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo Izihlangu Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA ne, MPAHLA EHAMBAYO.*

# PASCOE, (U FOLOKOCO)

UKE wayibonana IMPAHLA YAKE YOMTSHATO?

Ibhulukwe (ezisikiweyo), Ibhatyi (eziyi Salvation zona), Ibhatyi (ezimfutshane) Nendulubhatyi.

Ingubo Zabafundisi, Isuti zenziwa njengomyalelo, Imisesane Yomtshato neye Ngeji (intlobo ngentlobo), Ibhutsi ne Shuzi (ezikalayo nezingakaliyo).

## IMPAHLA YAMANENEKAZI YOMTSHATO

Ilokwe Zomtshato zenziwa kakuhle yi Dresmeka ye Ngesikazi. Odola Ilokwe yako ngexesha le Bhulakufesi uya kugoduka nayo uyipete ukutshona kwelanga.

Imela Nefolokwe, ne Mpahla Yokupeka,—Itshipu Ngokungummangaliso.

Ningalibali ukuya apo niya kumbona kona ngokwake (Saluf) e

QONCE, EMONTI nase CALA,

U-FOLOKOCO.

BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IFANDESI LEMPAHLA_KUMASEBE ONKE.

I Blanket zamabala ziqalela kwi 1s. 7 ½ d., Amabhayi abubanzi bupindiweyo 11 ½ d., Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza ilokwe iqalela kwi l ¾ d. nge yadi, I ‘ Tweed ’ eziqaqambileyo zelokwe ziqalela kwi 3 ¾ d. nge yadi, I Flannelettes 2 ¾ d. nge yadi, Ezona zilungileyo i Printi zama Janiani nama Bhulu 6 ½ d. nge yadi, Ityali zoboya ezona Fishini zintsba ziqalela kwi 3s. kude kube nga 30s. inye, I Quilts zamabala ziqala 1s. l1 ½ d., I Quilts ezimhlope ziqala 2s. l1d., Amakulu amahlanu e “ knitted skirts ” 1s. 2d. inye.

*Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akuko nkohliso. Kwisebe le lokwe (Drapery) ngexesha le Fandesi i* Is. *ebifudula isapulla_nge_xabiso le ponti iyakuyekwa.*

Isebe Lezinxibo lakwa BON MARCHE :

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kyi 4s. l1d. inye, I Suti zamadoda ze Tweed 21s. inye, I Felt Hats ezimapiko abaijzi 2s. umnye, Ibhatyi zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze Tweed 3s. 6d.

QONDISISANI KAKUHLE-Wonke ubani otenge izinxibo zexabiso eliyi ponti (£1) uyakwapulelwa isheleni ezi ntatu (3s.)

JOHN W. BAYES & CO., BON MARCHE,
GRAHAMSTOWN, E RINI.

# GIBB D & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

## I-PRINTI EZINTSHA

3d., 4d., 5d., 6d., 7 ½ d., 9d.

# GIBBERD & BRYANT

KING WILLIAMS TOWN.

## A. MELASS,

CHEMIST & DRUGGIST,

(Ukangelene ne Ofisi Yamatyala,)

E KOMANI.

LAMAYEZA alandelayo Abantsundu, kwanawahlelienziwe kakade entlobo zonke, bahleli benawo:—

AKA MELASS Amafuta Apilisayo.
ELIK A MELASS Lokukamela Amehlo.
EKA MELASS Incindi Yezinyo.
AKA MELASS Amatontsi Endlebe.
OKA MELASS Umciza we Palo.
AKA MELASS Amatontsi e Stepu.
OKA MELASS Umciza we Fiva.
OKA MELASS Umciza Wokohlokohlo.
OKA MELASS Umomelezi.
OKA MELASS Uhlikihla.
EZIKA MELASS Ipilisi Zoxaxazo-Gazi.
OKA MELASS Umciza Wesisu.
OKA MELASS Umciza Wegazi.

*Amayeza ezifo ezikataza Abantwa-bahleli benawo.*

## J . R. IRELAND,

Umaki Wezndlu Nomtati WE Kontreki,

Umcweli Kumasebe Okocwela Onke.

MARKET STREET,

Kingwilliam stown.

*UMENZI WEMPAHLA YEZIKOLO*

*YENTLOBO ZONKE.*

*I DESK EZINEZIHLALO ZAZO, EZENZIWE KAKUHLE NANGENDLELA EMANGALISAYO NANG A PEZU KWEZIVELA KWAMANYE AMAZWE, NAMAXABISO ANGANENO.*


# IMVO ZABANTSUNDU.

NGOLWESI-TATU. OCT 4, 1893.

## Iveki.

UMFULAWENJA uvuke pantsi e Bai nase Kapa.

INGQAKAQA izibonakalise e Lusutu. Sekuvakala sebesixenxe abafileyo.

IMVISISWANO yokugqibela pakati kwe France ne Siam iqukunjelwe izolo.

O MESSRS. DYER AND DYER bayasivala isitora sabo esise Komani.

ISIPOMPOTELA esingu Sam silindiselwe ijaji e Johannesburg ngetyala lokulinga ukudlwengula umlungukazi ongu Mrs. Myers.

UMZI maukangele izaziso zakomkulu ngokuqapula ezikomnye umhlati.

U DR. WILHELM umiselwe ukuba abe li Gqira Lesiqingata e Barkly East.

O MR. FROST no Mr. Laing bandulukile e Kapa behambela impi ebanyulayo.

KUFUNYENWE isixenxe se Netevu esihliwe yingqakaqa kufupi e Greytown e Natal.

KUVAKALA ukuba imvula iwile kwindawo ezininzi; kweli ayinanga nje yapul’ uluti kwiveki epelileyo.

I RULUNELI entsha yase Natal u Sir Walter F. Helly-Hutchinson ufike kwelo ngolwesi-Ne lwegqitileyo.

IDINDALA elingu Van Vuuren lidutyulwe emlenzeni xa belilamla isidubantini e Johannesburg ngo Mgqibelo ongapaya.

U MR. JUSTICE MAASDORF uyakuba se Dordrecht ngolwesi-Bini, October 10, aze abe se Cala ngolwesi-Ne, October 12 lwezayo.

NGOKUGINYA imali yokuhlaula amapolisa antsundu, u Sergeant Hawley ipolisa elimhlope uposwe entangem e Bloemfontein.

IMPI esoloko ifuna amaculo ase Wesile iyaziswa ukuba akako apakute mu;akanakufunyanwa ngemali nokuba kungotando.

NGOLWESI TATU lweveki egqitileyo e Kapa ikasi ebine glass pakati ite ngokuwiswa ngumoya yenzakalisa abantwana ababini abantsundu.

U SIR’HENRY NORMAN ubuye waroxa okuya ebeyamkele indawo yokuba sesiya kundleni se Nkosazana e India. Uti uziva ingamlingene. Umpatiswa walendawo wamkela £10,(XX) ngonyaka.

U REV. HAMILTON BAYNES i Bishop entsha yase Natal ubekwe izandla ngolwesi Hlanu lweveki egqitileyo e London. Inkonzo yonganyelwe yi Archbishop yase Canterbury incediswa liqela le bishop zezinye indawo neyase London.

UMZI wase Tekwini uzanyiswe ngumoya omkulu ngobusuku bolwesi Ne lwegqitileyo wenza idemetshe embi. Uncotule imifulelo yezindlu nemiti; ecwebeni kuqekeke izikepe kweyela nezikitshane. Akubangako bantu bafileyo.

### KUMPESHEYA KWE NCIBA.

U-REV. S. P. SIHLALI uwuncede kunene umzi obanyuli be Palamente wase ba-Tenjini ngencwadi yake ngo Mr. VICTOR SAMPSON ; ufanelwe ke ngumbulelo egameni lomzi. Sitsho kuba inteto yake abelinga ngayo ukuxela eyona nto ayiyo u Mr, SAMPSON entliziyweni, yenze ukuba elonene lipume egusheni, balibone bonke abantu, ngencwadi esiyingenisa kwi Mvo yanamhla. Ixesha eli lonke bekukuhle ukuba u Mr. SAMPSON ahambe pakati kwabavoti esaneka izandla ebonisa ingqondo anayo yena ngento zomzi lo anga ungamtuma e Bandla, etembisa ngento ayakuwenzela zona umzi. Lonto nabanina unokuyenza; kodwa ayide imxele kanye into ayiyo umenzi wezitembiso entliziyweni— ukuba ungumhanahanisi ungumhlobo sinina.

Utyile lemfihlo ke umfundisi wohlanga; watsho kwamhlope ukuba kuhleliwenje apa ku Mr. SAMPSON akulele nto. Sitsho singabo abaka bati, ngokubona inteto amana ukuzibhala, angayifanela i Palamente, saye singazindli ukuba ezinteto zingaba lulusu Iwegusha olugqubutele into ezininzi, ezilungiselelwe ukuba zibe bubusi kubantu bonke bengqondo zonke. Indawo emtyilileyo u Mr. SAMPSON yile ate kuyo, ukupendula umbuzo ka Mr. S. MAKIWANE, ukuba ungowembumba nayo TSHAINA no Sa-GODINI SPILIGI, okanye uyavana na ngencwina namadoda ango INISI no SAWALA no HET, uyinto engazimanye nakuliuye lalamaqela; kanti uyakuti kweyabamhlope ungowo SPILIGI.

Ityefu ke ikulenteto yokumbandazi, ete ukumbandaza yagxadazelela kwica1a ekungalindelwe tamsanqa kulo ngumzi ontsundu. Indoda engenaqela ivana najo e Bandla ligantuntu elingananzwayo nangubani; alamkelekile nakulipina iqela, akuko qela likatalele ukuyihlangabeza ngoncedo inteto yendoda ezibeke kobo bugantuntu. Ayazi amawetu ukuba e Bandla indoda iba nesitunzi ngamanye ekwaziwayo ukuba azintonga zayo ezisekhosi. Ibhuxenge lomfo ongagquguli nabani akangepumelelise luto. Amadoda oluhlobo ngawo la abange ukuba icala lama Ngesi e Bandla engesiba simfimfita uluto kulo, liswele amandla. Usuke umntu aqayise ngokuti uyakuqonda pambili entweni kanti isipelo kukuba uyakuhamba efunisa ngevoti yake into zelungelo lesiqu; aze ati nokuba upume ngalipina icala ati kukuba engenguye nowalipina icala. Ngokwenjenje onakalise amacebo amaninzi okusinceda azanywe ngabazimanyele ukukhusela amalungelo. Amadoda oluhlobo akufuneki enyulwe ngabantu abalaziyo ixabiso levoti; angumtshaza womsebenzi.

Ukwalata ukuba u Mr SAMPSON waye wugalela nje umzi ontsundu ngotuli emehlweni, ufike kubelungu ati uluvo lwake lungako SPILIGI Lungako SPILIGI eninina ? Ke-loku umzi uyazi ukuba u Sa- GODINI ngulo ubegxeka yonke into ebilingwa ngu Mr. RHODES kwezi veki zigqitileyo ; kodwa ute ekupumeni ko Mr. INNES ngendawo yokungapatwa ngezandla ezimhlope komsebenzi, wangumntu ngoku ovana no Mr. RHODES. Kokunganyanisi entweni zomzi aya kukuxhasa u Mr. SAMPSON ; abe ngokwenjenjalo engamkeli elona qela (lo INNES) wahlala ulujonge kulo uncedo umzi e Bandla. Yinto engenziwayona sihandiba somzi onjengopesheya kwe Nciba into yokunyulela e Palamente umntu ovakupitizelisa amacebo amadoda esijonge kuwo uncedo njengomzi ontsundu? Siwuqonda kakuhle nje umzi wakowetu, asitandabuzi ukuwupendula lombuzo ngo —HAI (omkulu yena). Kwaye kufuneka singabobanga buso nabawupina umlungu mawetu entweni zamalungelo omzi wonke; kufuneka simanyene kwelokuba singawenzakalisi umsebenzi we Palamente ngo wasalala lwamadoda anjalo. Lixesha eli lokuba sake imbumba yaba zameli bamalungelo etu. Ukuba u Mr. SAMPSON, nezimvo zake ezintle, akayiboni indawo yake pakati ko Mr. SAUER, no Mr. INNES, no Mr. SOLOMON, no Sir T. SCANLEN no Mr. HAY, mawungabi nanto naye kanye ositi umzi. Umzi ontsundu opesheya kwe Nciba uwodwa unokungenisa nabanina e Palamente; makungafeketwa ngelungelo lokunyula i Palamente mabandla akowetu. Masenze into eyakunceda izizwe ngalo.

### UMSEBENZI WAKALOKU.

NJENGOKUBA kuzakubako unyulo kulo lonke eli lizwe silunge kulo ingqondo zamadoda antsundu kufuneka zicinga umanyano—ukuba sonke tina bantsundu sizamele inkalo enye ngelungelwana elingepi esinalo lokunyula i Palamente. Amalungelo entlobo zonke abantu belilizwe apetwe yi Palamente,—yiyo emisa u Rulumeni, yiyo ekwelelisa u Rulumeni esihlalweni ; kodwa yona lonke Palamente imiswa siti banyuli. Abanyuli abantsundu bangaba bambalwa; kodwa ngokuzimanya kuzo zonke indawo abakuzo, bazame into enye bonke, banokwenza imimangaliso— banokumisa iqela eliqinileyo elivanayo, nelingoyikwayo e Palamente lamadoda angqondo, nalulwimi lubazileyo angawenzela umzi into ezininzi ezingamalungelo. Kufuneka umanyano lwamadoda anevoti odwa kuzo zonke izipaluka, ayakuti kwintlanganiso zawo asingate ukufunqulakunye kulomcimbi wonyulo, kwakunye namawabo akwezinye indawo, enze amaqinga obudoda wona okungenisa amadoda ayakuti akudibana e Bandla abe nentliziyo enye, abe yimbumba evanayo, ukusikangelela imfanelo zetu ezihleli zisemngeipekweni Intlanganiso zabanyuli be Palamente; Intlanganiso zabanyuli be Palamente ! Yeyona ifunekayo pakati kwetu ma Afrika ngelixesha. Into emaziyisingate kukuba ke kuzanywe ngo ntsundu ose Bhai nase Tinara ukusa emanzini e Gqili, na o Mzimkulu; kwanangose Ngqushwa nase Qonce, ukusa e Rafu nase Ligwa (Barkly West), ukuba kwindawo esineqaqobana labanyuli be Palamente, singenise ngalc amadoda ayakuba moyamnye, afunqulisane ngomsebenzi wokusinceda. Noko ngati amanani etu awapi, anokuti esebenze ngengqondo, pantsi komoya womanyano, abe nokupumelelisa iqaqoba lamadoda avanayo ngencwina; angati abe nokusizamela. Lama Bhulu kulilwa ngawo e Bandla awapi nawo. Inani lawo alifikanga kumashumi amatatu kwi Bandla elinamadoda a 76. Kodwa kuba eluqilima, ebotshwe ngabanyuli ukuba angahlukani entweni zonke, afike alaula into yonke. Siyawubongoza umzi wakowetu wonke ongabanyuli be Palamente ukuba ubeke nxamnye amakwele angendawo, omimona, neratshi, nenkani, ukuba ujonge into ezinkulu esingazifumanayo ngomanyano emoyeni Iwabanyuli Palamente abantsundu abakuzo zonke indawo. Siyakutanda ukuva ngendaba zokwakiwa kwalo ngamadoda ekujongwe kuwo ngumzi kwindawo ngendawo ; saye sitembisa ukuba ezondaba somana ukuwupukela umzi ngelipepa le Mvo.

## Ibala Labadlali.

ITUMENTE YE NTENETYA.—Ziyacelwa izizwe, zicelelwa e Kimbili, ezibhalelweyo ukuba maziqonde ukuba ngumsebenzi omkulu lo singawo wokulungiselela; ke siya kutinina ukuwulungiselela xana impendulo zingafikiyo. Siyanicela zihlobo ukuba ixesha liyafinyezeka silindele impendulo ukuze u Mnyadala upumelele ngokumhlope. Kuko nendawo eniya kuzibuza, ke lonto itate ixesha. Nantso ke into obuyifuna. Ipina imifusa yase Rautini, namhlanje makungati cwaka.—Yindodana yase Kimberley.

UMVUMO.—Incony wa kakulu ukuyola kwayo i Konsati yabantsundu ye Kwaya ebipetwe ngu Mr. Simon Mathlala ebise Town Hall e Dordrocht.

## Impawana.

**UBUNTWANA.** U SIR JAS. SIVEWRIGHT neqela lake bagabadele ngesenzo esihlokonyiswe emapepeni sokwenzakalisa u Hon. J. W. Sauer emsebenzini wake wobu Qondisi-Mteto. Lomnumzana unesimangalo asibekise ku Manyano lwaba Qondisi-Mteto ngo Mr. Sauer, ukuba ute ngelixesha lokuqekeka ko Rulumeni wasebenza kwezombuso ngenewadi ebezise ofisini yake ngendlela yokuba engu Mqondisi-Mteto. Uti ke oka Sivewright makasikwe emsebenzini u Mr. Sauer. Esi senzo sempindezelo yomsindo sigwetywa ngawo onke amapepa njengenzondo ebuntwana. Kunjalonje akubonali ngozi iyakuhlela u Mr. Sauer kulento.

**UMPATISWA BASEBENZI JOHANNESBURG.** ESIHLALO so Mpatiswa-Netevu eziye ngentse-benzo e Johannesburg E, sifunyenwe ngu Mr. W. Grant, inene langase Natal; ngoko ke simpulukile u Faku (Col. Griffith), omakabe ke uzakusebenzela ukupumelelisa ukunyulwa kwake.

**IMPILO KA MR. INNES, Q.C.** UKUVELA kweveki epe-lileyo umzi upela uba-ndakanywe elusizini ludaba lokuqutyulwa kuka Mr. Innes kukungapili ebesemdlalweni we Golf no Mr. Merriman e Kapa. Kufumane kwa nqamka igazi entliziyweni, wayoba, wagoduswa ngamangxashingxashi. Umzi ututuzelwe msinyane zindaba zokuba otandekileyo kunene kuwo ubehle wanobunebuo, esivuya ukuti usemsebenzini wake kwakona siteta nje. Ulangazelelo lomzi upela kukuba abe nempilo ende entle.

### INKUMBI

EZINDALA inkumbi. kubonakala ngesikuvayo ukuba zasinga komi Bashe nasema Mpondweni; kodwa kwi ndawo ngendawo kweli umqikela uqalile ukupuma emhlabeni. Ukuze ube nokuvuna umzi nyakenye wawupumela umkosi wawubulala, untyontyelwe amakwelo ngu Mr. Merriman oko wayepete isebe laba Limi. Asikolwa ukuba u Mr. Frost uyakuba nesipiwo soncedo esinjengesika Mr. Merriman ngoku kupete yena kwelosebe.

**IMVULA.** SINOVUYO ukuti ine kunene yabanzi imvula ngeveki egqitileyo, ngangokuba kungabiko urorayo. Esitembayo ukuba iyakumka nento ezise sibakabakeni, nase mhlabeni, nase manzini ezibange umkuhlane omninzi oxelwa kuwo lonke amapondo.

**UKUVUZWA KO MR. DOUGLAIS.** NGOKUCHASA kwake abahlobo betu e Pala-mente u Mr. Douglass selesamkela. Wa1atelwe ukuba abe ngomnye wabapicoti bomcimbi ongentsebenzo. Kunye naye kumiswe u Mr. T. P. Theron, M.L.A., no Mr. Herholdt, M.L.C., u Mr. Herholdt ufakwe kwi ndawo yokongamela eloqela belino Mr. Cambier Faure owamkele ubumantyi base Kapa obungasakumnika tuba lokuba ajikele. Kakade lomsebenzi un mrumo.

**IZIYATA AMA MPONDO.** Esi sizwe siqwengana sodwa ngokwezinja ne kati. Siva ububi ke. Ndawana ixolisayo ku kuba kwelakwa Rulumeni kungavakali sambantlanya sokuba ziyekwe nezakona inja zemfazwe ziwaqwenge ama Mpondo njengokuba bekusakuba njalo ngapambili. Kupela kungase Natal ekuvakala imivungamo yolohlobo; yaye nakona ibangwa kukuba besaqala kona ukuwutabatela kubo umsebenzi wolaulo, baye belinga ukuba banako ukuyoyisa nantonina mayelana nabantsundu. Abase Kapa bayazi ukuba lonto ayilula njengokuyiteta ngalo umpakumpaku.

**ABATUNYWA KU RULUMENI.** ABATUNYWA bakwa Mzilikazi sebede bafika e Kapa, babanako no-kudibana no Mhlekazi u Sir Henry Loch. Umcimbi abawuhambeleyo kuhleliwe pezu kwawo zizipakati, kodwa upatelele kulengxokozelo ikoyo kwelo pakati kwabamhlope nabamnyama. Amadoda atunywe ngu Lobengula ngo Mtshiti (Induna), James Mkiza, J. Cumming Makunga (ikumsha) no P. D. Crewe (igwangqa). Abateta ngemfazwe ngati abayiteXekeleli kamnandi into yokuba ukubako nokungabiko kwemfazwe kujinga pezu kwenteto yabatunywa. Tina sityekele kwelokuba iyakunxwenywa imfazwe.

**INGUQULO EMPATWENI YOLOLIWE**

IVEKI epelileyo ibaluleke ngenqaku eliveliswe ngu Mr. Laing ma- yelana nempato yo Loliwe. Unyanze1e amadoda amabini—o Messrs. Howell no Difford—apakamileyo, akade enento nololiwe belilizwe ukuba aroxe emsebenzini. Upakamise u Mr. T. R. Price (abavuyayo bonke abamhlope ngokupakanyiswa kwake) ukuba alaule ukuhanjiswa komsebenzi wololiwe bonke. Kuko inteto yokuba u Mr. Rhodes ubecele u Mr. Merriman ukuba atabate isihlalo esikulu sokongamela yonke into engololiwe; kodwa lowo mnumzaua akakuvumanga ukwanana ixabiso ngesihlalo sase Palamente. Okwangoku koyikelwa ukungati inqubo ka Mr. Laing ikufumfutelisa emnyameni okungenaluncedo.

**INGQAKAQA NERASHALALA.** KAKADE bekufanele ukuba kubeko ivuso ebantwini kwakuba kusitiwa ingqakaqa ite qapu e Kwelera ngapaya kwe Monti; kwakona ukuba kuko abelungu ababini abaranelwa ukuba behliwe yiyo e Qonce nakwa Nqobokazi e Xesi. Zibuye zehlela ezantsi izibilini kwakuvakala ukuba abebehliwe e Kwelera bafe bobabini; kwakubana kodwa kwakutiwa kuhliwe kwakona abanye ababini nakuba ingeyiyo embi eyabo. Abeberanelwa e Qonce naku Nqobokazi kufunyenwe ukuba behliwe lirashalala kodwa. Akuko koyikela kuba ingabasenza ububi ingqakaqa kwi Netevu kuba abantu bede bapindapinda ukuqapula.

### “UNDEBEZE NJOLI.”

UMZI omele i Qonce uyakuluva ngodano udaba lokuba u Mr. Gerardi, abati abantsundu ngu “Ndlebezenjoli,” owayesiwe e Barkly East ngu Rulumeni opumileyo ucele,wavunyelwa ngalamadoda apete-yo ukuba abuyele kwase Qonce. Ufika akamkeleka e Barkly, akubon’ukuba ebengamkelekile nalapa. Kulusizi ke ebuya nje.

### UMONAKALO WE MVULA.

“AKUNANZWANA ingenasipako.” Noko ibifuneka kangakanje imvula, ite yakufika yenza umonakalo owoyikekaye empahleni emfutshane ngokukodwa kwanenkulu. Kwemfutshane ife ngamashumi ngasibbzo njalo njalo. Mayelana nenkulu kuyobulwa kwebiseyenzakele lilanga nazinkumbi. Kwenye ifam kwelipakati kufe 800 igusha.

### KUBAVOTI BASE RINI.

ASILULO umanyano lwabanyuli be Palamente abantsundu ukuba amawetu ase Rini amise indoda engu Mr, Douglass ekolwa ngo Sir James Sivewright nabanye abacudisi babantsundu. Umanyano lwabantsundu abanevoti e Rini ngeluyikangela lonto lukangele amaqinga obudoda okuroxa.

### INANI LABAVOTI BETU E RINI

E RINI ngobalo lwamagama olwandulela olu —esingakolwayo ukuba kubeko inguqulo ngolu beluko — inani labanyuli-Palamente beletu ibala yayinga 55, abebala be 115. Liqela elo elingenza umsebenzi ongemncinane emnyadaleni, ngokukodwa sakukumbula ukuba e Qonce u Nkanunu wangena ngomzamo wabanyuli babetu aba 66; wakubon’ ukuba umzi osimakulwini asibozo (800) ontsundu wawuzamela ukuba umlomo wawo ube ngu Solomon.

**INTO ENTLE EMBO.** NGENGXELO yentlanga-niso ka Mr. Zeitsman opambi kwabanyuli base Mbo ukuba angeniswe kwesi sihlalo sino Sir James Sivewrighq sifumene ukuba inkosi u Zibi nowayo umzi, pantsi ko Lundi, bazimisele ukumisa elonene lingu Zeitsman, ukuba liyokuteta egameni labo e Palamente; ngokoke lowomzi awungaye wona u Sivewright. Usendleleni eyona yokunceda abantsundu, kuba singamtandabuzi u Mr. Zeitsman ukuba uyakuma kakuhle kwiqela lomanyano lwamalungu anobuhlobo ngakuti bamnyama. Kulondawo nani banyuli-Palamente beminye imixauka yase Mbo. Nize ningavumeli nabani ukuba anahlule kulento; kuba nifumene ukozo lwento. Ompitizelisayo ningamniki zwi aze aseiebona mhla ninyulayo. Into embi yile yase Rini, ukuti elixa niwangqunizayo amadoda acita umsebenzi anjengo Sivewright, babe kwa abenu bewavusa ngokunyula o Mr. Douglass.

**ABANYULI BASE MBO.** INANI labanyuli-Pala-mente abantsundu Embo (Griqualand East)—lonke Ke elimantyi zipetwe ngu Ndabeni—li 543 elabamnyama; ama Bastile 202. Abamhlope bodwa ba 826. Abangati bejonge kwicala elinye bonke betu kunie ngabo. Intlanganiso zabanyuli ke, mawetu, ukujonga into enye. Nine tuba elihle lokumisa indoda eyakuba luncedo lwazo zonke izizwe ezintsundu noko ilunge kuni ngokunyuhva. Aniboni wonke ontsundu wase Glen Grey evuna isiqamo ku Mr. Solomon nje kanti ungumlomo wabanyuli base Kimbili? Ngokunjalo tina bamnyama sipile ngo Mr. C. T. Jones abamele i Bai no Mr. Innes omele i Kapa.

### INDAWO EZINABANYULI ABAMNYAMA.

IZIQINGATA ezinabanyuli-Palamente abamnyama ngamanani anokuwunceda umzi yi (1) Albany (amapandle e Rini), (2) Aliwal, ekunye ne Herschel, (3) Barkly West, (4) Fort Beaufort, (5) Kimberley, (6) Kingwilliamstown, (7) Port Elizabeth, (8) Queenstown, (9) Somerset East ekunye ne Bedford, (10) Uitenhage, (11) Victoria East (Idike- Ngqushwa), (12) Wodehouse, (13) Tembuland, (14) Griqualand East. Siyaziyeka indawo ezinengqandendana kodwa zabavoti. Amanani esinawo siyakumana ukuwabengeza ngendlela esesite savakalisa ngayo awase Rini na-wase Mbo, saye siyakwalata nendlela angati ebambe yona amawetu abe nokuzinceda. Kungati kutunywe zezindawo ilungu elinye eliyakuzimanya namalungu atembekileyo kuti, uqale kwange Palamente ezayo womele epinini umqa. Ezinye indawo kwezi zinokupumelelisa ngamabini amalungu. Make kwenziwe ukuba sibe moyamnye. Noko ngati simbalwa evotini, kungavunwa isiqamo ngumzi.

### APO KUGIXE ABEBALA.

KANTI ngapandle kwezindawo zikolise ngabetu kuko, kwelase mlungwini, — Pakati— indawo ezilishumi linantatu, ekungati kebazanm into enye abe Bala (ama Bhastile) ’ bajonga kwakwinkalo enye nati kupumelele amadoda anganoncedo kuti. Sifumana ukuba e Stellenbosch abavoti bebala bagqite 16 nakuma Bulu! Ukushukunyiswa kwezindawo kunokwenziwa ngamadoda anjengo Rev. Mr. Goezar, Rev. J. V. van Rooyen, Rev. T. S. van Rooyen namadodana anjengo Mr. Bower no Mr. Grendon base Kimberley. Mawababvuse amadoda amelene nabo, kubekwc pambi komzi kwangoku amadoda angalatwa ngo Mr. Innes no Mr Sauer ukuba erne kwezindawo amkele ivoti zabebala. Indawo esiteta ngazo zezinjenge(l) Caledon, (2) Cape, (3) George, (4) Graaff-Reinett, (5) Graaff- Reinett, (6) Malmesbury, (7) Namaqualand, (8) Piquetberg, (9) Riversdale, (10) Stellenbosch, (11) Uitenhage, (12) Worcester, (13) ne Capetown. Kungati kundululwe abatunywa kwabebala bahamba bevusa ababo kuvele itamsanqa elikulu.

### INTO EFUNEKAYO.

INTO efunekayo mayelana nayo yonke lento yandulelayo sizama ukubonisa ngayo kumzi ukuba uvuke ebutongweni upapamele umsebenzi opambi kwawo wokumisa iqela elivanayo e Palamente eliya kuti line nomoya omhle ngakuti bantsundu nabebala. Kufuneka abanye bevuse abanye: lomkosi ungene kakuhle ezindlebeni, uzike ezintliziyweni zabo bonke, ukuze basukele pezulu, nangemihlali ukuwusukela. Siqinisekile ukuba zonke intsikelelo zentlalo yokonwaba zipambi kwetu. Vityo! Nisahlalele nina mabandla akowetu! Wonke makaqubule isirweqe!

